



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LWESIBINI OLONGEZELELWEYO (SAL)

IPHEPHA LESIBINI (P2)

NOVEMBA 2013

AMANQAKU: 80

IXESHA: 2 iiyure

Olu viwo lunamaphepha asi-8.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha linaMACANDELO AMATHATHU:

ICANDELO A:	Izincoko	(40)
ICANDELO B:	Imihlathana emide	(20)
ICANDELO C:	Imihlathana emifutshane	(20)
2. Phendula umbuzo omNYE kwicandelo ngaliNYE.
3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.
4. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
5. Yenza uyilo (umzekelo: Imephu yengqondo/isazobe/okanye idayagramu/flowu tshati/amagama angundoqo, njalo-njalo), hlela uze uwufunde kwakhona umsebenzi wakho. Uyilo malubhalwe PHAMBI kokubhalwa kwesincoko.
6. Wonke umsebenzi woyilo mawubhalwe ucaciswe ngolo hlobo. Uyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumla kulo lonke uyilo olwenzileyo.
7. Uyacetyiswa ukuba usebenzise imizuzu engama-60 ubuncinci bexesha KWICANDELO A, imizuzu engama-30 KWICANDELO B uze usebenzise nemizuzu engama-30 KWICANDELO C.
8. Bhala iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.
9. Nika impendulo nganye isihloko esichanekileyo.
QAPHELA: Isihloko masingabalwa xa kubalwa amagama asetyenzisiweyo.
10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

ICANDELO A: IZINCOKO

Khetha isincoko sibe siNye kwezi zilandelayo. Bhala amagama angama-150 ukuya kuma-180.

UMBUZO 1

- 1.1 Kubalulekile kakhulu ukunceda abanye abantu. Bhala isincoko uchaze okanye ubalise ukuba kutheni kubalulekile ukunceda abanye abantu. **[40]**
- 1.2 Ulutsha Iwanamhlanje eMzantsi Afrika. Bhala isincoko uchaze ubomi obuphilwa lulutsha loMzantsi Afrika kule mihla. **[40]**
- 1.3 Bhala isincoko ngesi sihloko:
'Iholide endingasoze ndiyilibale.' **[40]**
- 1.4 Bhala isincoko ngesi sihloko:
'Ubomi ngaphandle kwemali.' **[40]**
- 1.5 Bhala isincoko ngesi sihloko:
'Ukunyuka ngeenyawo ezintabeni.' **[40]**
- 1.6 Jonga kulo mfanekiso ubhale isincoko.

**[40]**

1.7 Jonga kulo mfanekiso ubhale isincoko.



[40]

1.8 Jonga kulo mfanekiso ubhale isincoko.



[40]

AMANQAKU ECANDELO A: 40

ICANDELO B: IMIHLATHANA EMIDE

Khetha umhlathana omde ube Mnye kule ilandelayo. Bhala ama-60 ukuya kuma-80 amagama. Bhala kwiphepha elitsha.

UMBUZO 2

2.1 ILETA ESEMTHETHWENI


Ubone isithuba somsebenzi owufunayo kwiphephandaba. Bhala ileta yesicelo salo msebenzi uyithumele kumanejala.



[20]

2.2 ILETA YOBUHLOBO

Uwine amatikiti amabini okubukela umdlalo kwisitediyamu esikwelinye iphondo. Bhalela umhlobo wakho ileta umcele ukuba ahambe nawe ukuya kulo mdlalo.



[20]

2.3 INGXOXO

Aba bantu babini banomsindo kwaye bayaxoxa. Bhala le ngxoxo phakathi kwaba bantu.

**[20]****2.4 INGXELO**

Ulilungu lekomiti yabafundi iRCL (Representative Council of Learners) kwisikolo sakho. Bhala ingxelo eya kubafundi besikolo sakho ngentlanganiso ebiphakathi kwamalungu eRCL avela kwezinye izikolo.


**[20]****AMANQAKU ECANDELO B: 20**

ICANDELO C: IMIHLATHANA EMIFUTSHANE

Khetha umhlathana ube Mnye kule ilandelayo. Bhala ama-40 ukuya kuma-60 amagama. Bhala kwiphepha elitsha.

UMBUZO 3**3.1 ISIMEMO**

Uceliwe yinqununu yesikolo sakho ukuba ubhale isimemo umeme ootitshala ukuba beze kwitheko lokuthi ndlela-ntle kubafundi bematriki. Yila uze ubhale esi simemo.


**[20]****3.2 ISIBHENGEZO-NTENGISO**

Ungumanejala wehotele entsha. Yila uze ubhale isibhengezo-ntengiso esiya kwiphephandaba uchazele abantu ngamaxabiso aphantsi okuhlala ngempelaveki kule hotele.

**[20]**

3.3 **IMIYALELO**

Bhala imiyalelo yokwenza iti uqwalasele le mifanekiso ingezantsi.



[20]

AMANQAKU ECANDELO C: 20
AMANQAKU EWONKE: 80